



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA LE-12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2008

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha asi-7.

IMIYALELO EYA KUBAFUNDI

1. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo ngalinye.
2. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, ukuze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.
3. Bhala cacileyo nacocekileyo, uwucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.
4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.
5. **UBUDE BEEMPENDULO:**

ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esingama-340 – 390 amagama

ICANDELO B: Imihlathana Emide – Bhala ama-100 – 120 amagama
(umxholo kuphela)

ICANDELO C: Imihlathana Emifutshane – Bhala ama-80 – 100 amagama
(umxholo kuphela) eya kubafundi

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe SINYE esiva wena kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390.

- 1.1 Ulutsha kulungile ukuba luzixhonxele ikamva lalo ngendlela olufuna ngayo kuba ithi intetho yesiXhosa 'Ikamva lomntu ngamnye lisesandleni sakhe'. Ingaba uyalwamkela na olu luvo?

Sebenzisa le ntetho ingasentla njengesihloko uxoxe kuvokotheke uxhasa impendulo yakho.

[50]**OKANYE**

- 1.2 Kule mihla esiphila kuyo kukho inkolo ethi 'Apho kukho imali ubomi bukhona'. Loo nto yenza abantu balibale ukuba zikhona izigigaba ezithi zihle ngenxa yemali.



Yila isihloko ubhale isincoko uvelele ubumnandi nobubi obuthi bubekho ngokwenziwa yimali.

[50]**OKANYE**

- 1.3 Isikolo yimbiza ekuphekwa kuyo onyana neentombi zesizwe zibe nekamva eliqaqambileyo.

Bhala isincoko ngesihloko esithi 'Isikolo yimbiza yokwenene'. Chaza uze uxhase olu luvo ngabantu abathe baphumelela ngenxa yemfundo.

[50]**OKANYE**

- 1.4 Abantu abaninzi abakwazi ukululungiselela kwangethuba usuku lweKrisimesi, nto leyo yenza ukuba kube sisiphithiphithi ngomhla owandulela olu suku minyaka le.


Balisa ngawakho amava ngezinto yinto ezithi zenzeke ezikwenza nawe uzibone ugaxeleke kule meko.

[50]

OKANYE

- 1.5 Ungumfundi onomnqweno wokubona uMzantsi Afrika uyiqhuba ngempumelelo imidlalo yendebe yeHlabathi yebhola ekhatywayo ngomnyaka wama-2010. Unomnqweno wokuba ufuna ukuyibona ikumgangatho wehlabathi le tumente nangona uMzantsi Afrika ulilizwe elisakhulayo ngakumbi kwibhola ekhatywayo.

NjengoSihlalo ojongene nolu ququzelelo lwale tumente, khawusithathe usenze siwubone lo mdlalo uyimpumelelo ngenxa yegalelo lakho nangezinto ezintsha onokuthi uze nazo ukuze siwubone uMzantsi Afrika usiza nayo ekhaya le ndebe.



Bhala esi sincoko phantsi kwesi sihloko, 'Xa ndinokuba nguSihlalo webhunga eliququzelela iNdebe yeHlabathi eMzantsi Afrika'.

[50]

OKANYE

- 1.6 EsiXhoseni ayiqhelekanga into yokuba umntu ahlale, abukele kusetyenzwa ngabanye kungoko kukho le ntetho ithi, 'Esihleliyo sidla ukuhlala, esiphilayo sesithwethwayo.' Le ntetho ingqinwa nanguRhulumente weDemokhrasi kuba wova amaxesha amaninzi elikhuthaza iphulo likaVuk'uzenzele.

Chankcatha kule ntetho ubonise ubunyani bayo ngokuthi uchaze iindlela anokuthi umntu kule mihla aphile ngayo.

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela. Bhala ama-100 – 120 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

- 2.1 Ungumntu owuthanda kakhulu umculo kwaye unomdla wokuba yimvumi kodwa zikhona izinto ofuna ukuzazi phambi kokuba uqalise.

Bhala olu **dliwano-ndlebe** luphakathi kwakho kunye nemvumi oyithandayo.

[30]

OKANYE

- 2.2 Ingununu yesikolo sakho ifumene isithuba sokuba ngumhloli kwiSebe lezeMfundo kwisithili sakho. Abafundi bakunyule ngokukuthemba ukuba ubamele ngokuthi wenze udlwabevu lwentetho kwitheko lokuthi ndlela-ntle kulo Mpondozihlanjiwe wenqununu.

Bhala olu **dlwabevu lwentetho**.

[30]

OKANYE

- 2.3 Abazali bakho abasalali buhlayo, izibilini ziphezulu, babambe amazinyo kuba banexhala lokuba unokungaphumeleli kwiimviwo zakho zokuphela konyaka.

Bhalela omnye wabazali bakho **ileta** umthoba izibilini, ukwamqinisekisa ukuba olu viwo uluqulele wada waligangatha. Lo nto yibonakalise ngokumbonisa acacelwe gca ukuba liyinene eli ulithethayo, makangakuthandabuzi.

[30]

OKANYE

2.4

Funda esi sibhengezo silandelayo:

**IPHEPHANDABA LASEKUHLALANI 'IZWI LABANTU' –
15 KWEYENKANGA 2007**

ISITHUBA SOMSEBE!!! NZI! ISITHUBA SOMSEBE!!!! NZI!

SALES HOUSE PLAZA MALL: MTHATHA
ISITHUBA SOMSEBENZI SOMNTU ONESAKHONO
SOKUTHENGISA.

IZINTO EZILINDELEKILEYO KUMQESHWA:

1. Ibanga le-11
2. Uyakwazi ukuthengisa
3. Unendlela ephucukileyo yokuthetha nabathengi.
4. Ulixabisile ixesha
5. Uyawuthanda umsebenzi
6. Amava akho ngomsebenzi asinto ibalulekileyo.

Umhla wokuphelelwa: 25 kweyeNkanga 2008

Ixesha: 16:00 emva kwemini

Iliso lakho liphandlwe sesi sithuba siphume kwiphephandaba lasekuhlaleni, ngoku unomdla kakhulu njengoko kumbovu ukuba uhlalele iiholide zeKrisimesi.

Bhala iSivi yakho enomtsalane uyithumele kule venkile ixelwe ngasentla.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B:

30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**UMBUZO 3**

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

- 3.1 Nilulutsha lwengingqi ohlala kuyo, nigqibe ekubeni nenze isihika-hika sekonsathi ngeenjongo zokunyusa ingxowa-mali yabahlali. Kule konsathi nimeme iimvumi ezintathu ubuncinane ezaziwayo.

Yila iPowusta enomtsalane uzivelele zonke iinkcukacha malunga nale konsathi. **[20]**

OKANYE

- 3.2 Utitshala wakho obekufundisa isiXhosa Ulwimi Lwasekhaya ukuncede kakhulu kuba ngoku sowuzibona njengombhali woncwadi lwesiXhosa ophum'izandla kwiminyaka embalwa ezayo.

Bhala iPowustikhadi ubambe ngazibini kulo titshala ngegalelo lakhe kubomi bakho, kananjalo umkhumbuza ngenkuthazo nangeengcebiso athe wakunika zona ukuze kuphuhle esi sakhono sokubhala. **[20]**

OKANYE

- 3.3 Kwindawo ohlala kuyo uneeveki ezimbalwa uvule ishishini leemfonomfono zakwaVODACOM. Ingxaki onayo, eli shishini alikaziwa ngabantu abaninzi, nto leyo eyenza ukuba ishishini lihambe okonyawo lonwabu.

Zama ukulithengisa kangangoko ngokuthi **uyile iFlaya** eza kulenza laziwe nanguthathatha. **[20]**

OKANYE

- 3.4 IsiGqeba esilawula isikolo (SGB) sigqibe ukuba senze itheko lokuthi ndlela-ntle kubafundi bebanga le-12. Wanyulwe ukuba umeme isithethi sembeko salo mhla.

Bhalela isithethi sembeko **isiMemo** usimemela ukuba sizokwenza intetho yenkuthazo ngalo mhla ubekiweyo. **[20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100